## KUTITSHALA

1. Sebenzisa esi sixhobo ukuhlola **ukufunda ngokuchanekileyo** kwabafundi ngolu hlobo lulandelayo:

| | |
|---|---|
| • **Ukubiza oonobumba ngesiXhosa** | Bangaphi oonobumba abangabizwa **ngokuchanekileyo** ngumfundi ngomzuzu omnye? |
| • **Ukufunda amagama (uvavanyo lokuqonda izandi zamagama)** | Mangaphi amagama angafundwa **ngokuchanekileyo** ngumfundi ngomzuzu omnye? |
| • **Ukufunda isicatshulwa** | Mangaphi amagama angawafunda **ngokuchanekileyo** umfundi ngomzuzu omnye? |

2. Buza abafundi imibuzo evela kwisicatshulwa uhlole **ukufunda** kwabo ngengqiqo: Mingaphi imibuzo angakwaziyo umfundi ukuyiphendula **ngokuchanekileyo** emva kokufunda isicatshulwa?

**3. Okubalulekileyo:** Esi sisixhobo nje sokuhlola. Ayizonjongo zokuba abafundi bafundiswe indlela yokusisebenzisa, okanye bancediswe ekuqhubeni kakuhle kolu hlolo. Ayizonjongo zokuba bankqaye olu hlolo. Ukuba abafundi bacaciselwe kakuhle imiyalelo yokufunda, bayakuqhuba kakuhle kolu hlolo. Ugxininiso malube kukunikwa imiyalelo, hayi ukuncedisa abafundi ukwenza olu hlolo.

## UZA KUDINGA NTONI?

Uza kudinga:

1. Esi sixhobo sokuhlola kumabanga aphantsi.
2. Istophu-wotshi okanye iselula fowuni.
3. Incwadana yokuhlola eyenzelwe ukubhala inkqubela-phambili yomfundi ngamnye.

## Uza kusihlola nini isakhono sokufunda sabafundi?

Hlola isakhono anaso umfundi ekuqaleni, ukuze ukwazi ukulandela inkqubela-phambili yakhe ekufundeni ngokuhamba kwexesha.Hlola ngolu hlobo:

1. **Ekuqaleni** konyaka (kwikota yokuqala) hlola umgangatho abaqalisa kuwo abafundi ukufunda.
2. **Phakathi konyaka** hlola ukuba umgangatho wabo wokufunda unyukile na, umi ndawonye okanye uhlile kusini na.
3. **Ekupheleni** konyaka hlola ukuba abafundi bafikelele na kumgangatho wokufunda obulindelwe, baye **bafunda ngengqiqo** kusini na.

## Siqulethe ntoni esi sixhobo sokuhlola?


1. Itshathi (Itshathi 1) **yoonobumba** abamele ukubabiza ngokucacileyo nangokuvakalayo abafundi.
2. Itshathi (Itshathi 2) **yamagama** abamele ukuwafunda ngokucacileyo nangokuvakalayo abafundi.
3. **Isicatshulwa** (Itshathi 3) abamele ukusifunda ngokucacileyo nangengqiqo abafundi.
4. **Imibuzo** abamele ukuyiphendula abafundi ukubonisa ukuba bafunda ngengqiqo.
5. **Iphepha lokubhala inkqubela-phambili** ukwenzela ukuba ukhangele inkqubela ekufundeni ngokuhamba kwexesha. Uza kulisebenzisa eli phepha ekufakeleni amanqaku omfundi ngamnye xa ethe wenza imisebenzi emine (4) enxulumene nokufunda ngokuchanekileyo. Ikholam yoku-1 iya kuba yeyokubiza oonobumba abali-110; ikholam yesi-2 yeyokufunda amagama angama-50; ikholam yesi-3 yeyokufunda isicatshulwa esinamagama angama-53 (Itshathi 3:1), 73 (Itshathi 3:2), 52 (Itshathi 3:3); kunye nekholam yesi-4 yokuphendula imibuzo emi-5 yesicatshulwa.

# 1. Ukuhlola ukubizwa koonobumba ngesiXhosa

Bonisa umfundi itshathi yoonobumba (Itshathi 1).



Yithi kumfundi: **"Nali iphepha elizele ngoonobumba. Ndingathanda ukuba undibizele ngesiXhosa oonobumba kangangoko unokubabiza. Ndingathanda ukuba uqale apha ufunde uye ngaphaya** (yalatha koyena nobumba ungentla ekhohlo kwephepha, kumgca wokuqala ukusuka ekhohlo ukuya ekunene. Fundela umfundi umzekelo onikiweyo kanobumba). **Xa ndisithi 'Qala', biza oonobumba kangangoko unako. Khomba unobumba ngamnye ombizayo. Ukuba awunakho ukumbiza unobumba, ndiza kukuxelela. Beka umnwe kunobumba wokuqala. Sewulungile? Qala!"**



- Qalisa iwotshi xa usithi **"Qala."**
- Kwincwadana yomfundi, krwela umgca kunobumba athe umfundi wawubiza ngokuphosisekileyo, umzekelo: a
- Ukuba umfundi uyazilungisa ekubizeni unobumba, kwamkele oku njengokuchanekileyo.
- Wakuphela umzuzu, yithi, **"Yima."** Phawula ngebrakethi (**]**) emva konobumba wokugqibela obizwe ngokuchanekileyo.
- Bala ubhale phantsi inani loonobumba athe wababiza ngokuchanekileyo umfundi.
- Ukuba umfundi ubiza bonke oonobumba ngokuchanekileyo kwisithuba esingaphantsi komzuzu omnye, bhala phantsi inani loonobumba, umzekelo i-110 kwiphepha lokubhala inkqubela-phambili.

## Itshathi 1.1

| | | | | | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|
| V | l | h | g | S | y | z | W | e | n |
| I | k | T | d | K | t | q | d | z | A |
| h | w | z | m | U | r | j | A | x | U |
| g | r | b | Q | L | f | I | Z | s | r |

Kweli nqanaba, umfundi ubize izandi zoonobumba ukufikelela kunobumba u “t”, olandelwa yibhrakethi (]), efakelwe ngutitshala. Utitshala ubala aze afikelele apha, ngolu hlobo: 16. Ngamanye amagama, umfundi ubize izandi zoonobumba abali-16. Ngaphezu koko, umfundi wenze iimpazamo ezintathu (3), notitshala ukrwele unobumba u”h”, “y” no “d’. Ngoko ke, umfundi ubize izandi zoonobumba abali-13 qha ngokuchanekileyo. Ngoko ke utitshala ubhala ‘13’ kwiphepha lokubhala inkqubela-phambili kweli tyeli lohlolo lwalo msebenzi wezandi zoonobumba (LS).

Ukuba umfundi uphumelele ekubizeni izandi zabo bonke oonobumba ngaphantsi komzuzu, utitshala ubeka uphawu (tick) kwiphepha lokubhala inkqubela phambili kumsebenzi wohlolo wezandi zoonobumba (LS) kwaye uhlolo luthathwa njengolugqityiweyo. Akukho mfuneko yokuqhubeka ngolu hlolo, ngokwalo mfundi, kwaphela.

## 2. Ukuhlola ukufundwa kwamagama

Bonisa umfundi itshathi yamagama (Itshati 2).



Yithi kumfundi: **"Khangela la magama** (khomba amagama anikwe 'ayimizekelo.Fundela umfundi umzekelo onikiweyo wamagama). **Nanga amanye amagama. Ndingathanda ukuba uqale apha uqhube uye ekupheleni kwephepha** (khomba igama lokuqala elikwitshathi 2 uye ekupheleni kwephepha). **Xa ndisithi 'Qala', funda amagama kangangoko unako. Khomba igama ngalinye olifundayo. Beka ke umnwe wakho kwigama lokuqala. Sewulungile? Qala!"**



- Qalisa iwotshi xa usithi **"Qala."**
- Kwincwadana yomfundi, krwela umgca kwigama athe umfundi walifunda ngokuphosisekileyo, umzekelo**:** ~~mbi~~. Ukuba umfundi uyazilungisa ekufundeni igama, kwamkele oku njengokuchanekileyo.
- Wakuphela umzuzu, yithi, **"Yima."** Phawula ngebrakethi (**]**)emva kwegama lokugqibela elibizwe ngokuchanekileyo.
- Bala  ubhale phantsi inani lamagama athe wawafunda ngokuchanekileyo umfundi.
- Ukuba umfundi ufunda onke amagama ngokuchanekileyo kwisithuba esingaphantsi komzuzu omnye, bhala phantsi inani lamagama, umzekelo ama-50 kwiphepha lokubhala inkqubela-phambili.

## Itshathi Yamagama 2.1

| | | | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|---|---|
| umama | utata | usisi | usana | kuba | isikolo | wafika | kudala |
| ikati | vuka | wabona | funa | lala | suka | wema | mna |
| bona | cula | iti | Imali | luma | Emva | cela | udade |
| imoto | sela | ubisi | yena | usuku | waya | Ihagu | intombi |
| wona | ifama | icawa | Ewe | jika | vasa | umfo | zathi |
| hayi | zisa | nomama | lilela | ibali | ukuba | njani | phambili |
| wabona | ubisi | Imini | isele | wafika | lila | phambi | imini |
| ubisi | imali | kuqala | ihagu | isofa | ibali | umhlobo | wabo |
| umalume | ikofu | wabeleka | qoqa | vela | vota | kusasa | umsebenzi |
| buza | xoxa | zola | bona | funda | esikhulu | amehlo | maziye |

Umfundi ufunde kanga ngomzuzu omnye (1). Kweli nqanaba, umfundi ufunde ukufikelela kwigama "cula", elilandelwa yibhrakethi (]),efakelwe ngutitshala. Utitshala ubala aze afikelele apha, ngolu hlobo: 18. Ngamanye amagama, umfundi ufunde amagama alishumi elinesibhozo. Ngaphezu koko, umfundi wenze iimpazamo ezimbini (2) okanye akaphumelelanga ekufundeni amagama amabini (2) kwaye utitshala ukrwele u"~~wafika~~" no "~~wabona~~".Ngoko ke, umfundi ufunde amagama ali-16 qha ngokuchanekileyo. Ngoko ke utitshala ubhala "16" kwiphepha lokubhala inkqubela- phambili kweli tyeli lohlolo lwalo msebenzi wokufundwa kwamagama (WR).

Ukuba umfundi uphumelele ukufunda onke amagama ngokuchanekileyo ngexesha elingaphantsi komzuzu. , utitshala ubeka uphawu (tick) kwiphepha lokubhala inkqubela phambili kumsebenzi wokufundwa kwamagama (WR) kwaye uhlolo luthathwa njengolugqityiweyo. Akukho mfuneko yokuqhubeka ngolu hlolo, ngokwalo mfundi, kwaphela

## 3. Ukufundwa kwesicatshulwa

Cela umfundi ukuba afunde ibali elilandelayo (Itshathi 3) ngokuvakalayo. Mbalele ixesha.



Yithi kumfundi: **"Ndicela ukuba ufunde eli bali ngokuvakalayo. Xa unamagama ongakwaziyo ukuwafunda, ndiza kukuncedisa ukuze uqhubeke ukufunda. Xa ndisithi "Yima" ndingakubuza imibuzo malunga nokufundileyo, ngoko ke zama kangangoko unako ufunde kakuhle. Qala apha (**mkhombise igama aza kuqala kulo ukufunda). **Sewulungile? Qala!"**



- Qalisa iwotshi xa usithi **"Qala."**
- Kwincwadana yomfundi, krwela umgca kwigama athe umfundi walifunda ngokuphosisekileyo, umzekelo: ~~sikolo~~
- Ukuba umxelele igama, musa ukulamkela njengokuba lichanekile.
- Ukuba umfundi uyazilungisa ekufundeni igama, kwamkele oku njengokuchanekileyo.
- Wakuphela umzuzu, yithi, **"Yima."** Phawula ngebrakethi (**]**) kwegama lokugqibela elibizwe ngokuchanekileyo ngaphambi kokuba uthi "Yima."
- Bala ubhale phantsi inani lamagama athe wawafunda ngokuchanekileyo umfundi.
- Ukuba umfundi ufunda onke amagama ngokuchanekileyo kwisithuba esingaphantsi komzuzu omnye, bhala phantsi inani lamagama, umzekelo ama-62 kwiphepha lokubhala inkqubela phambili.

## Itshathi 3.1

| | |
|---|---|
| ULolo wayeza kuqala ukuya kwisikolo | 5 |
| esikhulu. ~~Lwalungathi~~ alufiki olu suku | 5 |
| yimivuyo. | 1 |
| | |
| Ngomhla wokuvulwa ~~kwezikolo~~ wavuka | 4 |
| ekuseni. Wahlamba waza watya isidlo | 5 |
| sakusasa. Emva koko uLolo wabeleka | 5 |
| ubhaka wakhe waya esikolweni nomama | 5 |
| wakhe. | 1 |
| | |
| Esikolweni waboniswa utitshalakazi wakhe. | 4 |
| Utitshalakazi wabalisa ibali likaSidumo. | 4 |
| USidumo libali elidlala kumabonakude. | 4 |
| ULolo wahleka izinto ezenziwa nguSidumo | 5 |
| Wabona ukuba kumnandi esikolweni esikhulu. | 5 |
| Amagama | 53 |

Umfundi uzakufunda kanga ngomzuzu omnye (1). Kweli nqanaba umfundi ufunde ukufikelela kwigama “likaSidumo”, elilandelwa yibhraketh (]), efakelwe ngutitshala. Utitshala ubala aze afikelele apha, ngolu hlobo: 39. Ngamanye amagama, umfundi ufunde amagama angamashumi amathathu anethoba 39. Ngaphezu koko, umfundi wenze iimpazamo ezimbini (2) okanye akaphumelelanga ekufundeni amagama amabini, notitshala ukrwele umgca ku “Lwalungathi” no “kwezikolo”. Ngoko ke, umfundi ufunde amagama angamashumi amathathu anesixhenxe qha ngokuchanekileyo. Ngoko ke, utitshala ubhala “37” kwiphepha lokubhala inkqubela-phambili kwityeli lokuhlola umsebenzi wokufundwa kwesicatshulwa (PR).

Ukuba umfundi ufunde ngempumelelo onke amagama ngokuchanekileyo ngexesha elingaphantsi komzuzu, utitshala ubeka uphawu (tick) kwiphepha lokubhala inkqubela-phambili yomfundi kumsebenzi wokufundwa kwesicatshulwa (PR) kwaye nohlolo luthathwa njengolugqityiweyo. Akukho mfuneko yokuqhubeka ngolu hlolo, ngokwalo mfundi, kwaphela.

## 4. Imibuzo yesicatshulwa



Yithi kumfundi: **"Ngoku ke ndiza kubuza imibuzo embalwa ngebali olifundileyo. Zama kangangoko ukuyiphendula le mibuzo."**

- Phawula impendulo echanekileyo ngolu phawu (✓) **ecaleni kombuzo ngamnye** kwincwadana yomfundi.

## Imibuzo yesicatshulwa

**Umzekelo wetshathi yokuphawula 3.1**

| Umbuzo | Impendulo |
|---|---|
| 1. Ngubani owayeza kuya esikolweni? | nguLolo |
| 2. Wavuka nini ngosuku lokuvulwa kwezikolo? | ekuseni |
| 3. Waya nabani esikolweni? | nomama wakhe |
| 4. Wenza ntoni utitshalakazi wabo? | wababalisela ibali okanye wabalisa ibali likaSidumo |
| 5. Ingaba wayonwabile esikolweni uLolo? | ewe |

Kweli nqanaba umfundi uphendule imibuzo emithathu (3) ngokuchanekileyo, ngoko ke utitshala ubhala "3" kwiphepha lokubhala inkqubela phambili kweli tyeli lohlolo lomsebenzi wengqiqo (CO)

## Itshathi 1.2

| | | | | | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|
| s | n | c | b | p | y | F | c | a | e |
| y | S | q | p | M | v | O | t | n | P |
| z | A | E | x | F | f | h | u | a | t |
| w | S | H | B | S | I | g | m | i | I |
| c | n | g | D | o | K | M | w | p | r |
| f | t | v | a | U | T | y | B | Q | i |

## Itshathi 2.2

| | | | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|---|---|
| lala | lila | vuka | umama | usana | Wabona | kuqala | kudala |
| jika | ukuba | wavuka | wabo | nomama | wema | wabeleka | bona |
| umhlobo | kusasa | wona | utata | luma | emva | qoqa | Udade |
| imoto | phambi | ifama | usuku | xoxa | waya | ihagu | intombi |
| iti | amehlo | icawa | ewe | ikofu | hayi | cela | Suka |
| waza | zisa | funda | phambili | ibali | maziye | imali | lilela |
| ihagu | sela | kakhulu | isityebi | ukuba | funa | usisi | Phila |
| ubisi | ibhokhwe | ukuya | isikolo | isofa | buza | imali | Kuba |
| ikati | imini | umfo | vela | vota | cula | umsebenzi | zola |
| ibali | yena | njani | imini | zathi | esikhulu | bona | ubisi |

## Itshati 3.2

| | |
|---|---|
| Kwakukho utata owayefuna umsebenzi. | 4 |
| Wavuka ekuseni wayakufuna umsebenzi | 4 |
| emzini wesityebi. Wahamba, wahamba | 4 |
| wada wafika emzini wesityebi. | 4 |
| | |
| Esi sityebi sasinomzi omkhulu. Wafika lo | 6 |
| tata wema phambi kwendlu waza | 5 |
| wathi ucela umsebenzi. | 3 |
| | |
| Isityebi sambuza utata ukuba ingaba | 5 |
| ufuna msebenzi mni na. Wathi ke yena | 7 |
| ufuna nokuba ngonjani na, angazityisa neehagu. | 7 |
| | |
| Isityebi ke samxelela ukuba | 4 |
| umsebenzi esinawo ngowokwalusa | 3 |
| iibhokhwe ezininzi kakhulu. Kufuneka | 4 |
| azijonge zingayi endleleni. | 3 |
| wavuma ngovuyo olukhulu lo mfo. | 5 |
| Amagama : | 68 |

## Imibuzo Neempendulo zesicatshulwa

Imibuzo yesicatshulwa (Itshathi 3.2)

| Umbuzo | | Impendulo |
|---|---|---|
| 1. | Lingantoni eli bali? | Lingotata owaya kufuna umsebenzi |
| 2. | Ngobani ekuthethwa ngabo kweli bali? | Ngulo tata kunye nesityebi |
| 3. | Wathini lo tata akufika emzini wesityebi? | Wathi ucela umsebenzi |
| 4. | Yaba ngumsebenzi wantoni? | Yayingowokwalusa iibhokhwe |
| 5. | Kwenzeka ntoni akuba efumene umsebenzi lo tata? | Wavuya kakhulu |

## Itshathi 1.3

| | | | | | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|
| d | l | o | m | X | n | e | a | p | x |
| N | K | c | i | D | y | b | J | r | v |
| v | o | w | u | V | l | h | G | s | y |
| g | R | B | q | l | f | L | z | q | R |
| x | g | u | e | p | n | x | v | i | a |
| K | f | h | o | X | z | t | E | g | c |
| t | G | w | B | i | a | z | b | d | j |
| w | c | b | a | H | k | b | e | y | u |
| Z | X | h | u | e | v | N | e | a | u |
| b | z | n | C | o | k | l | H | y | o |

## Itshathi 2.3

| | | | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|---|---|
| amehlo | vuka | zola | phila | esikhulu | xoxa | buza | Ikofu |
| maziye | lila | lala | kuba | ubisi | suka | wena | Kakhulu |
| isityebi | ukutya | isitya | cula | iti | imali | luma | emva |
| Hayi | udade | umfo | ubisi | Yena | usuku | sela | ihagu |
| umhlobo | ifama | icawa | wabona | imoto | uloliwe | bona | Cela |
| isicelo | nomama | umakazi | lilela | inkwenkwe | ibali | ukuba | phambili |
| jika | wavuka | imini | intombi | yimivuyo | wabona | phambi | Indlu |
| kuqala | ihagu | isofa | Ibali | ibhokhwe | Wabo | kudala | Wabeleka |
| qoqa | vela | vota | izolo | kusasa | ebusuku | umsebenzi | Ikati |
| ukuba | isikolo | usisi | usana | isele | isonka | funda | incwadi |

## Itshathi 3.3

| | |
|---|---|
| Kudala dala kwakukho ixhegokazi elalikhohlakele | 5 |
| kakhulu. Igama lalo yayinguNomehlo-mancinane. | 4 |
| Yayilizim elalizenza umntu onobubele. | 4 |
| Izim ngumntu otya abantu. | 4 |
| | |
| UNomehlo-mancinane wayenentombi ewayeyithanda | 3 |
| kakhulu. Wayenodadewabo owayehlala kwenye | 4 |
| ilali. UNomehlo-mancinane wayengamthandi kakhulu | 4 |
| udadewabo. Udade lo wayeneentombi | 4 |
| ezintathu. Ngenye imini ezi ntombi | 5 |
| zandwendwela uNomehlo- mancinane. | 3 |
| | |
| Zazingamazi ukuba ulizim. Zathi xa zisendleleni | 6 |
| zadibana nomnye umama owazixelela ukuba | 5 |
| umakazi wabo lizim. Zagqiba kwelokuba maziye | 6 |
| phambili zingoyiki. Ziyombona umakazi. | 4 |
| Amagama: | 61 |

## Imibuzo yesicatshulwa (Itshathi 3.3)

| | Umbuzo | Impendulo |
|---|---|---|
| 1. | Ngubani igama lexhegokazi obufunda ngalo? | NguNomehlomancinane |
| 2. | Yintoni izim? | Ngumntu otya abantu |
| 3. | Ucinga ukuba kulungile ukuba lizim? | Hayi |
| 4. | Utsho ngoba? | Akulunganga ukutya abantu |
| 5. | Zazingaphi iintombi zikadade boNomehlomancinane? | Zazintathu |

Konke oku kusekwe kwinkqubo yesikhokelo esenziwe ngonyaka ka- 2007. Awona manqanaba obuncinane alindelekileyo okufunda komfundi ngamnye ngokuchanekileyo, anikwe kwiTheyibhile 1.

**Itheyibhile 1: Awona manqanaba obuncinane alindelekileyo okufunda ngokuchanekileyo kulwimi ngalunye, kwibanga ngalinye.**

## Uhlolo lwesakhono sokufunda kumabanga aphantsi
## Iphepha lokubhala inkqubela-phambili

| | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|
| Isikolo: | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | |
| Utitshala: | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | |
| Ibanga: | 2 | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | |
| Ixesha lokuhlola | Uhlolo loku-1 (Ekuqaleni konyaka) | | | | | | | Uhlolo Lwesi-2 (Phakathi konyaka) | | | | | | | Uhlolo Lwesi 3 (Ekupheleni konyaka) | | | | | | | |
| Umhla | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | |
| Umsebenzi | Izandi zoonobumba | | Ukufundwa kwamagama | | Isicatshulwa | | C | Izandi zoonobumba | | Ukufundwa kwamagama | | Isicatshulwa | | C | Izandi zoonobumba | | Ukufundwa kwamagama | | Isicatshulwa | | C | Izimvo |
| | 1.1 | | 2.1 | | 3.1 | | | 1.2 | | 2.2 | | 3.2 | | | 1.3 | | 2.3 | | 3.3 | | | |
| Inani lamagama ngokobuninzi | 40 | | 30 | | 53 | | 5Q | 60 | | 30 | | 68 | | 5Q | 100 | | 80 | | 61 | | 5Q | |
| | Oko ku-1 | Okwe si-2 | Oko ku-1 | Okwe si-2 | Oko ku-1 | Okwe si-2 | | Oko ku-1 | Okwe si-2 | Oko ku-1 | Okwe si-2 | Oko ku-1 | Okwe si-2 | | Oko ku-1 | Okwe si-2 | Oko ku-1 | Okwe si-2 | Oko ku-1 | Okwe si-2 | | |
| Inani lamagama ubuncinane | 30 | 40 | 20 | 30 | 20 | 30 | | 50 | 60 | 40 | 60 | 30 | 40 | | 80 | 90 | 50 | 60 | 35 | 40 | | |
| Names | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | |
| 1. | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | |
| 2. | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | |
| 3. | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | |
| 4. | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | |
| 5. | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | |
| 6. | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | |
| 7. | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | |
| 8. | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | |
| 9. | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | |
| 10. | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | |
| 11. | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | |
| 12. | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | |
| 13. | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | |

## Uhlolo lwesakhono sokufunda kumabanga aphantsi
## Iphepha lokubhala inkqubela-phambili

| | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|
| Isikolo: | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | |
| Utitshala: | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | |
| Ibanga: | 3 | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | |
| Ixesha lokuhlola | Uhlolo loku-1 (Ekuqaleni konyaka) | | | | | | | Uhlolo Lwesi-2 (Phakathi konyaka) | | | | | | | Uhlolo Lwesi 3 (Ekupheleni konyaka) | | | | | | | |
| Umhla | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | |
| Umsebenzi | Izandi zoonobumba | | Ukufundwa kwamagama | | Isicatshulwa | | C | Izandi zoonobumba | | Ukufundwa kwamagama | | Isicatshulwa | | C | Izandi zoonobumba | | Ukufundwa kwamagama | | Isicatshulwa | | C | Izimvo |
| | 1.1 | | 2.1 | | 3.1 | | | 1.2 | | 2.2 | | 3.2 | | | 1.3 | | 2.3 | | 3.3 | | | |
| Inani lamagama ngokobuninzi | 40 | | 30 | | 53 | | 5Q | 60 | | 30 | | 68 | | 5Q | 100 | | 80 | | 61 | | 5Q | |
| | Okoku-1 | Okwesi-2 | Okoku-1 | Okwesi-2 | Okoku-1 | Okwesi-2 | | Okoku-1 | Okwesi-2 | Okoku-1 | Okwesi-2 | Okoku-1 | Okwesi-2 | | Okoku-1 | Okwesi-2 | Okoku-1 | Okwesi-2 | Okoku-1 | Okwesi-2 | | |
| Inani lamagama ubuncinane | 35 | 40 | 50 | 60 | 30 | 40 | | 40 | 50 | 15 | 30 | 30 | 40 | | 90 | 100 | 70 | 80 | 40 | 50 | | |
| Names | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | |
| 1. | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | |
| 2. | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | |
| 3. | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | |
| 4. | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | |
| 5. | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | |
| 6. | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | |
| 7. | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | |
| 8. | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | |
| 9. | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | |
| 10. | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | |
| 11. | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | |
| 12. | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | |
| 13. | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | |

